saam vorentoe · masiye phambili · forward together

# Umgaqonkqubo woLwimi weYunivesithi yaseStellenbosch

## Uyilo lokugqibela

| | |
|---|---|
| **Inombolo yesalathiso yolu xwebhu** | |
| **Ihlelo leHEMIS** | |
| **Injongo** | Ukumisa ngendlela, ukulawula nokuphatha indlela ekusetyenziswa ngayo ulwimi kuyo yonke imiba yeYunivesithi |
| **Uhlobo loxwebhu** | Uxwebhu lomgaqonkqubo |
| **Ukufikeleleka** | Ngokubanzi (ngaphandle nangaphakathi) |
| **Umhla wokuphunyezwa kwawo** | 1 Januwari 2022 okanye msinya emva koko |
| **Umhla/ukuphindaphindwa kophononongo** | Lo *Mgaqonkqubo* kufuneka ucamngcwe kwisithuba sonyaka wesihlanu usetyenziswa. Unakho ukucamngcwa phambi kwexesha, okanye ngaphezu kwesihlandlo esinye kwisithuba sokusetyenziswa kwawo, ukuba iimeko zigunyazisa uphengululo okanye ukuba umnini *woMgaqonkqubo* ukubona kuyimfuneko oku. |
| **Umhla wokuvunywa *koMgaqonkqubo* wangaphambili** | 22 Juni 2016 |
| **Umnini walo *Mgaqonkqubo*** | USekela weSekela-Tshansila: Ukufunda nokuFundisa |
| **Igosa leli ziko (umgcinimafa) ojongene nalo *Mgaqonkqubo*** | UMlawuli oyiNtloko: Ukuphuculwa kokuFunda nokuFundisa |
| **Umhla wokuvunywa** | [Faka umhla wokuvunywa apha] |
| **Wamkelwe** | Libhunga leYunivesithi yaseStellenbosch livumelene neQumrhu loLawulo lweYunivesithi |
| **Amagama angundoqo** | Unxibelelwano lweziko, ukutolika, ulwimi, iilwimi zokufunda nokufundisa, ukucwangciswa kolwimi, ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, umgaqonkqubo, unxibelelwano ngeelwimi ezahlukeneyo, inguqulelolwimi |
| **Ukuba semthethweni** | Inguqulelo yesiNgesi yalo mgaqonkqubo yeyona nguqulelo isebenzayo, ukuze inguqulelo yesiAfrikansi ibe yeguqulelweyo. |

# Isiqulatho


Ukubaluleka kwalo Mgaqonkqubo ..... 3

1. Intshayelelo ..... 3
2. Imeko yeelwimi ezininzi ..... 3
   - IsiAfrikansi ..... 4
   - IsiNgesi ..... 4
   - IsiXhosa ..... 4
3. Ukusetyenziswa koMgaqonkqubo ..... 5
4. Injongo yoMgaqonkqubo ..... 5
5. Okujoliswe kuko ngalo Mgaqonkqubo ..... 5
6. Iinqobo zoMgaqonkqubo ..... 6
7. Izibonelelo zoMgaqonkqubo ..... 7
   - 7.1 Ukufunda nokufundisa ..... 7
   - 7.2 Unxibelelwano lwangaphakathi ..... 10
   - 7.3 Unxibelelwano lwangaphandle ..... 11
   - 7.4 Ukucwangciswa kolwimi ..... 12
   - 7.5 Ukukhuthazwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi ..... 13
   - 7.6 Inkxaso esuka kwiZiko leeLwimi ..... 15
8. Ingxelo, ukubeka iliso nokusonjululwa kwengxabano ..... 15
9. Ulawulo lomgaqonkqubo ..... 17
   - 9.1 Iindima ..... 17
10. Uphononongo nophengululo ..... 18
11. Ukubhengeza ..... 18
12. Amaxwebhu anxulumeneyo naxhasayo ..... 18

Isihlomelo A: Uluhlu lweenkcazelo zamagama nezifinyezo ..... 19

## Ukubaluleka kwalo Mgaqonkqubo

IYunivesithi yaseStellenbosch (iSU) izibophelele ekuzibandakanyeni nolwazi kwintlalo yoluntu eyahlukileyo. *UMgaqonkqubo woLwimi* ujolise ekwenzeni icandelo 29(2) *loMgaqosiseko* woMzantsi Afrika *nakwiSikhokelo soMgaqonkqubo woLwimi wamaZiko kaWonkewonke eMfundo enoMsila (2020)* lisebenze ngokufanayo nendlela ulwimi olusetyenziswa ngayo kwimfundo ephakamileyo yeYunivesithi, kulawulo, nakwiimeko zomsebenzi nentlalo. *UMgaqonkqubo* ujolise ekwandiseni indlela abafundi nabasebenzi abafikelela nabaphila ngayo ngokulinganayo eSU, ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo kwanokuxatyiswa kwazo, kuquka nokuphuhliswa kwenzululwazi yokufunda nokufundisa efanalekileyo. Nangona singenakubulibala ubunyani bokuba iSU ikwakhonza uluntu lwezwekazi kwanolo lwehlabathi ngokubanzi, sileli ziko sizimisele ekuzibopheleleni kwiphulo lokusebenzisa iilwimi ezahlukeneyo, ngokuthi sizisebenzise zontathu iilwimi ezisemthethweni zephondo leNtshona Kapa, nezibizwa ngokuba sisiAfrikansi, isiNgesi nesiXhosa.

## 1. Intshayelelo

Apha eSU siyayila, sisasaze, size sizibandakanye ngokuchubekileyo nolwazi. Ngokobandakanyeko kule nkqubo yethu yoyilo, iSU iyakwamkela ukwahluka kwethu ngokwentlalo, kuquka nokwahluka kweelwimi zayo, kwanobutyebi bengqiqo obunxamnye koko kwahluka kuthethwa ngako.

*UMgaqosiseko* unikeza iwonga elisemthethweni kwiilwimi ezilishumi elinanye, uze uzithathe zonke ezi lwimi njengoovimba ekumele basetyenziswe ngeenjongo zokuphuhlisa ubuchule babantu. *UMgaqosiseko* uvakalisa ukuba akukho mntu kumele acalulwe ngokungafanelekanga nakweziphi iinkalo zocalulo ezingavunyelwayo. Uyaqhubekeka uvakalisa ukuba wonke ubani unelungelo lokuzuza imfundo kumaziko emfundo kawonkewonke ngolwimi olusemthethweni kwezo zoMzantsi Afrika, okanye naluphi ulwimi azikhethele lona, oku kusenziwa ngokuthathela ingqalelo umakulinganwe, ukuphunyezwa ngempumelelo koku, nokulungisa kwakhona imiphumela yemithetho nezehlo zamandulo ezazigxile ekucaluleni abantu ngokobuhlanga.

*UMgaqonkqubo woLwimi* ujolise ekwandiseni ukufikeleleka kweSU kubo bonke abafundi nabasebenzi, kwanokuqinisekisa ukuba iindlela ekusetyenziswa ngazo ulwimi, zikwakhuthaza ukuphuhliswa kwenzululwazi yokufunda nokufundisa efanelekileyo.

## 2. Imeko yeelwimi ezininzi

ISU ilandela inkqubo ekhethekileyo yotshintsho ekutsaleni abafundi abagqwesileyo, iqesha abasebenzi abanezakhono ezihle, ize yenze eli ziko libe lelibandakanyayo kwanelo lineemeko ezibukekayo ezahlukileyo zobomi, kuquka nokusetyenziswa kweelwimi eziliqela. Nanjengeyunivesithi egxile nzulu kuphando, iSU yakha amathuba okuphuhliswa kweenqobo zolwazi kwezemfundo nokuqhubela phambili ngezakhono zokusetyenziswa kweelwimi ezininzi ngumntu ngamnye, liziko ngokwalo, kwanentlalo ngokubanzi.

ISU nguvimba wesizwe oxabisekileyo nofikelela kwihlabathi ngokubanzi, kwaye abafundi nabasebenzi baseSU basuka kumaqela ngamaqela abantu abathetha iilwimi zoMzantsi Afrika. Nangona sikwamkela ukuba zonke iilwimi zoMzantsi Afrika nezamazwe ngamazwe zisebenza njengezixhobo zonxibelelwano, thina sikhetha ukuzibophelela ngokusebenzisa isiAfrikansi, isiNgesi nesiXhosa, lwimi ezo iziilwimi ezintathu ezisemthethweni kwiPhondo leNtshona Kapa. Oku sikwenza ngomoya wentsebenziswano, ingakumbi nabathathinxaxheba abaphambili kwingingqi yethu. Ukusebenzisa nokuphucula ixabiso lemfundo lesiAfrikansi, isiNgesi nesiXhosa kusenguvimba wethu wokuxhobisa imimandla

yoluntu exananazileyo neyahlukileyo. Ingqwalasela ngokweemeko zeziko lethu ekusetyenziswa kuzo ezi lwimi zisemthethweni zilishumi elinanye zoMzantsi Afrika imi ngolu hlobo:

### *IsiAfrikansi*

IsiAfrikansi lulwimi oluhlonitshwe kumazwe ngamazwe oluvelise ubungangamsha kwezemfundo kwimimandla eyahlukileyo, nebenegalelo eligqathu kuyo iSU, kwaye eli ligalelo elisaqhubekayo. Ulwazi ncakasana lwesiAfrikansi lukwanceda ekwandiseni ubudlelwane bethu namazwe ngamazwe, kuba oku kunceda ekuvuleni iingcango zemfundo nophando namaqabane eYunivesithi yethu aluqilima ngokuphathelele emfundweni kumazwe afana neNetherlands neBelgium.

### *IsiNgesi*

Abantu abathetha iilwimi ezahlukeneyo zoMzantsi Afrika baye banxibelelane ngesiNgesi, kwaye isiNgesi sinexabiso elibalulekileyo kwezemfundo, kwezemisebenzi nakwinqanaba lothungelwano phakathi kwamazwe ngamazwe. Lilonke ke, iSU isebenzisa isiNgesi ngokwesiqhelo, kodwa ayisebenzisi sona kuphela kwiimeko zeyunivesithi ezinjengemfundo, ulawulo, imibandela engemisebenzi nakwintlalo ngokubanzi.

### *IsiXhosa*

IsiXhosa lulwimi lwemveli olusetyenziswa lelinye lawona mabandla amakhulu abantu kwizwe loMzantsi Afrika, ngokukodwa nakwiphondo leNtshona Kapa. ISU inegalelo elihle ekuphuhliseni isiXhosa njengolunye ulwimi lwemfundo, nolusebenzisa amaphulo alo nobudlelane namanye amaziko emfundo enomsila neminye imibandela. I-SU ikwakhuthaza ukusetyenziswa kwesiXhosa njengolwimi lokudlulisela lonke unxibelelwano olusemthethweni lwangaphakathi nanjengoko kumiselwe *kwiSikhokelo soMgaqonkqubo woLwimi wamaZiko kaWonkewonke eMfundo enoMsila* (2020) (*Language Policy Framework for Public Higher Education Institutions* (2020)).

*UMgaqonkqubo woLwimi* awugxilanga kuphela kwimeko yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi leli ziko (ukutsho oko, ekwakheni imimandla yamaziko aneelwimi ezininzi apho amaqela ahlukileyo abantu abathetha iilwimi ezizezabo kuphela bephila kunye), kodwa sikwagxile nakwisakhono somntu ngamnye ekuthetheni iilwimi ezininzi, kukwakhuthazwa kananjalo ukuba abantu basebenzise iilwimi ezahlukileyo. Ulwazi lomntu ngamnye lweelwimi ezininzi, ngoyena vimba unokuthanda ukuphuhliswa yiSU, ngenxa yeziphumo ezihle zemfundo ezidalwa koku, kwinqanaba lelizwe namazwe ngamazwe ngokufanayo. Ukwakha amathuba okuphuhla kwesakhono sokusetyenziswa kweelwimi ezininzi ngumntu ngamnye, kubangela umntu ukuba aphuhlise isakhono sakhe sokusebenzisa iilwimi, sakhono eso siquka iilwimi okanye iintlobo ngeentlobo zeelwimi ezahlukileyo, kwaneelwimi ezahluke ngokwamanqanaba obuchule bokuzisebenzisa. Nanjengoko amava omntu ngamnye olwimi esanda ngokuphathelele kwimeko yenkcubeko yolo lwimi, kuphawuleka ukuba aba bantu abazithathi ezi lwimi namasiko njengamacandelo engqiqo ahlukeneyo ncam, koko bakhetha ukwakha ubuchule bokunxibelelana ngentlaninge yeelwimi, apho lonke ulwazi kwanamava olwimi luza kuba nendima egqathu, nalapho iilwimi ngeelwimi ziza kunxibelelana zisebenzisane khona. Ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo kunxibelelwano kwigumbi lokufundela, yenye yeendlela eziveza kakuhle le meko yonxibelelwano olugxile kwintlaninge yeelwimi. Nangona ke kubalulekile ukuvumela abafundi basebenzise izixhobo ezifana nesi sokunxibelelana kusetyenziswa iilwimi ezahlukeneyo njengesixhobo sokuthethana nokunxibelelana eklasini, sikwakho nesidingo

sokuba abafundi bafunde ulwimi okanye iilwimi ngokusemthethweni, baze bakwazi nokusebenzisa neerejista zemfundo nezobugcisa kwezi lwimi.

Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi akuphelelanga nje ekubeni umntu akhuthalele ukufunda nokusebenzisa iilwimi eziliqela. *UMgaqonkqubo woLwimi* ukwagxile nasekuphuhliseni ubandakanyeko lomntu wonke kwanokuthakazelelwa kwexabiso lokwahluka kwethu njengabantu. Lilonke ke, ukuSetyenziswa kweelwimi ezininzi, kukwasisimo sokuziphatha. Isakhono sokusetyenziswa kweelwimi ezininzi sikwaxhobisa abafundi ekubeni bakwazi ukufikelela kwisiseko solwazi olubanzi noluneenqobo ezahluke kakhulu, bakwazi nokusebenzisana nentlalo ngohlobo oluchukumisa intliziyo ngokukhethekileyo, kungaphelelanga nje engqondweni; babe ngabasebenzi abanenkqubela phambili, babonakalise izakhono ezichubekileyo zokusombulula iingxaki, ezokuphulaphula nezokusebenzisana nabantu; kwaye babe ngabantu abagqibeleleyo nabanokuthatha izigqibo ezifanelekileyo nezingathatheli ngqalelo iingcinga nengqiqo yabo kuphela. Le ngqiqo, umzekelo iza kuvela elubala kwiindibano zeziko, apho kuza kwenziwa uhlolo lokuqala oluza kuphonononga iimfuno zolwimi, nalapho kuza kuqhubeka khona unxibelelwano olubandakanya iilwimi ezahlukileyo. Apha kuya kuthi kuvele nokuzimisela komntu ekufundeni nasekusebenziseni iilwimi ezahlukeneyo.

## 3. Ukusetyenziswa koMgaqonkqubo

*UMgaqonkqubo woLwimi* usebenza kwiYunivesithi yonke, kwaye uquka abasebenzi nabafundi njengabantu abayinxalenye yeSU, iifakalthi, amacandelo emisebenzi yezemfundo kunye namacandelo eenkonzo ezixhasa ulawulo, amaqela abafundi, kunye namaqumrhu olawulo aseSU.

## 4. Injongo yoMgaqonkqubo

Injongo *yoMgaqonkqubo woLwimi* kukumisa ngendlela nokulawula ukusetyenziswa kolwimi kuzo zonke iinkalo zeYunivesithi.

## 5. Okujoliswe kuko ngalo Mgaqonkqubo

5.1 Ukusebenzisa icandelo lama29(2) (ulwimi kwezemfundo) nelama29(1) (b) (ukufikeleleka kwemfundo enomsila) kuquka nokufunda necandelo le9 (umakulinganwe kunye nokunqandeka kokucalulwa ngokungafanelekanga okwenziwa ngqo noko kungenziwa ngqo) nanjengoko kudandalazisiwe ku*Mgaqosiseko.*

5.2 Ukusebenzisa *isiKhokelo soMgaqonkqubo woLwimi wamaZiko kaWonkewonke eMfundo enoMsila* (2020) (*Language Policy Framework for Public Higher Education Institutions* (2020)), nesimiselwe ngokwala macandelo alandelayo, elesi3 nelama27(2) *oMthetho 101 ka1997 weMfundo enomsila*.

5.3 Ekubeni negalelo ekuphunyezweni kombono weSU, noqulathwe *kuMbono ka2040 nakwisiKhokelo sobuChule bokusebenza sika2019-2024*, seYunivesithi, ukuze kube nokudaleka ubandakanyeko nokufikeleleka kweSU ngokulinganayo kubo bonke abafundi abakulungeleyo ukungena kule yunivesithi, kwanabo sele bengabafundi bethu, kuquka nabasebenzi, konke oku kusenziwa kujoliswe ekuphumezeni ukugqwesa kweziko lethu.

5.4 Ukukhuthaza ukufunda nokufundisa ngokugqibeleleyo, ukuphanda ngokugqibeleleyo, kwanokunikezwa kweenkonzo eSU ngokuhambelanayo nemixholo engundoqo

yendlela esebenza ngayo iyunivesithi yethu: iYunivesithi yaseStellenbosch enempumelelo; amava abafundi abonakalisa inguqu; ukusekwa kwamaqabane entsebenziswano neyunivesithi egxile kwiinjongo ezakhayo kunye namaqela othungelwano angacaluli bani; ukufunda nokufundisa okubandakanya ukuthungelana nokusebenzisana phakathi kwethu namanye amaziko; ukwenza uphando olugxile kwiimpembelelo ezizizo; nokuba sibe ngabaqeshi abakhethekileyo nabathandwayo.

5.5 Ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi ngumntu ngamnye naliziko, nanjengoko ilelona phawu libalulekileyo leSU, nelizoba indlela esebenza ngayo iYunivesithi, indlela abafunda ngayo abafundi, kwaneempawu ezahlukileyo zabathweswa zidanga bale Yunivesithi nanjengoko kuphuhliswe kwiinkqubo zethu zemfundo nakuyo yonke imibandela enxamnye nemfundo.

## 6. Iinqobo zoMgaqonkqubo

*UMgaqonkqubo woLwimi* usekwe phantsi kwale migaqo ilandelayo yesiqhelo isisiseko, nekumele ibe sisikhokelo kuzo zonke iinkalo zokutolikwa nokumiliselwa kwalo *Mgaqonkqubo*:

6.1 Ngokuhambelanayo ne*siKhokelo soMgaqonkqubo woLwimi wamaZiko kaWonkewonke eMfundo enoMsila* (2020), isakhono somntu okanye sentlalo sokusebenzisa iilwimi ezininzi kumele sibonwe “njengesixhobo sokwenza kube lula ukuzuza uphuhliso lwengqiqo, ukufikeleleka lula kolwazi, ubandakanyeko lomntu wonke, inguqu, umanyano lwentlalo kwanokuhlonitshwa kwazo zonke iilwimi”.

6.2 Ulwimi eSU lujolise ekwandiseni amathuba okufikelela nokungena kweli ziko, luze luphucule namathuba empumelelo ezifundweni, kulawulo nakwiimeko zentlalo, kwaye kumele lungabi namida isisithintelo kubafundi okanye abasebenzi. Oku kubaluleke kakhulu ingakumbi xa siqwalasela kwaye sihlonipha izigunyaziso zomgaqosiseko ezingokulungiswa kwamanyathelo ocalucalulo lwangaphambili, kwanokuqinisekisa ukuba akucalulwa mntu nangaluphi na uhlobo ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo, kubafundi nakubasebenzi baseSU abakhoyo kwanabo banamathuba amahle okuza kweli ziko.

6.3 Zonke iinkalo *zoMgaqonkqubo woLwimi* kwanokumiselwa kwawo ekufundeni nasekufundiseni, kumele kube luncedo kwindlela ephuhlileyo yoku kufunda nokufundisa.

Ukongeza kula migaqo mithathu yesiqhelo isisiseko ibithiwe thaca ku 6.1 ukuya kuma ku6.3, le migaqo ilandelayo nayo kufuneka iqwalaselwe xa kutolikwa naxa kuqhutywa ngokumiselwa kwalo *Mgaqonkqubo*:

6.4 ISU iyazihlonipha zonke iilwimi kuquka neelwimi ezahlukileyo ezisetyenziswa ngabafundi abohlukileyo nabasebenzi, kwaye kumele kuthathelwe ingqalelo nezo lwimi bakhetha ukuzisebenzisa kunye namanqanaba abo olwazi lolwimi.

6.5 ISU iyayamkela indima exananazileyo yolwimi kwintlalo yethu. Zonke iilwimi zithathwa njengezixhobo zokwakha ulwazi ngokugqibeleleyo.

6.6 ISU isebenzisa iilwimi ezikhethiweyo zeziko lwethu ngohlobo oluquka bonke abafundi, abasebenzi nabanye abaxhasi bethu.

6.7 ISU iyamkela ukuba izakhono ezinxamnye nemfundo enomsila kwanokusetyenziswa kweelwimi ezikumgangatho wemfundo enomsila, zizinto ezibandakanya iimeko ezixananazileyo zokwenziwa kwezinto ezihambelana ngqo nendlela amacandelo emfundo ayila ngayo ulwazi.

6.8 I-SU izinzisa iinkonzo zolwimi ezifanelekileyo kwaneenkonzo zokuphuhliswa kwabasebenzi abangabahlohli, ukuze babe nokuxhasa ukumiliselwa kwalo *Mgaqonkqubo woLwimi*.

6.9 *UMgaqonkqubo woLwimi* nokumiliselwa kwawo kuphunyezwa ngokuqwalasela oko kukhangeleka kunokwenzeka ngempumelelo kwiimeko ezithile. Izinto ezifanelekileyo ekumele zithathelwe ingqalelo zibandakanya oku kulandelayo nokunye okungavezwanga apha, la migaqo mithathu yesiqhelo isisiseko ibithiwe thaca ku6.1 ukuya kuma ku6.3 apha ngasentla; inani labafundi abaya kuxhamla kuhlobo oluthile lokumiselwa kwalo *Mgaqonkqubo*; inqanaba lolwazi lolwimi lwemfundo lwabo bafundi babandakanyekayo; ubukho bolwazi kwanenqanaba lolwazi lolwimi lwemfundo ngamalungu abasebenzi afundisayo; iminqantsa emalunga nesicwangciso samaxesha ezifundo namagumbi okufundela; nezixhobo zaseSU ezifumanekayo kwanezidingo ezinyusa umnqantsa ngokubhekiselele kwezo zixhobo.

# 7. Izibonelelo zoMgaqonkqubo

Imigaqo yalo mgaqonkqubo ekumhlathi 6 idandalazisa ezi zibonelelo zilandelayo zomgaqonkqubo nekufanele zithotyelwe:

## 7.1 Ukufunda nokufundisa

7.1.1 Ngokomoya wonxibelelwano kusetyenziswa iilwimi ezahlukileyo, kuvulelwa amathuba okusetyenziswa kweelwimi zokufunda nokufundisa ngokukhululekileyo kwizifundo zamaqelana nakwizifundo ezenziwa ngezandla, kwiimeko zothethwano, kwiimeko ezijolise ekuxhaseni ukufunda nakumaqonga emfundo engobuxhakaxhaka bale mihla. Nangona isiAfrikansi nesiNgesi izilwimi zesiseko zaseSU nezisetyenziswayo xa kufundwa naxa kufundiswa (nanjengoko kuchaziwe ngezantsi apha), ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo xa kuthethwa kuyakhuthazwa ukuze oku kuxhase kwaye kuphucule izinga lokufunda ngempumelelo.

7.1.2 Izifundo zabo bangekathweswa zidanga zinikezelwa ngazo naziphi iindlela ezidandalaziswe kwimihlathi engu7.1.3, 7.1.4 naku7.1.5, okanye xa kujongwa iimodyuli zaba bafundi bangekathweswa zidanga ezo zifundo zinikezwa ngokomgangatho obizwa ngeSikhokelo seSizwe seziQinisekiso zeMfundo (iNQF) kwinqanaba lesi8, umhlathi wesi7.1.8, apha ngezantsi.

7.1.3 Ngokuphathelele kwiimodyuli zabo bangekathweswa zidanga, apho kukhangeleka kunokwenzeka ngokulula kwaye kufundiseka ngokugqibeleleyo kangangokuba kwenzeke ukuba kubekho amaqela eklasi amabini nangaphezulu:

7.1.3.1 Kukho izifundo ezahlukileyo ngesiAfrikansi nangesiNgesi.

7.1.3.2 Amathuba okufunda afana nemisebenzi yamaqela, imisebenzi emiselweyo, izifundo ezinikezwa kumaqelana nakwimisebenzi eyenziwayo equka abafundi abasuka kumaqela eelwimi ezahlukeneyo, zonke ezi zinto ziyasetyenziswa ekuphuculeni umanyaniso kwiinkqubo zemfundo.

7.1.3.3 Abafundi baye baxhaswe ngesiAfrikansi nangesiNgesi xa bekwizifundo ezinamathuba achanekileyo akhuthaza ukufunda bedibene kwisifundo esinye (umzekelo, iindibano ngexesha lomsebenzi okanye ngexesha elisikelwe izifundo zamaqelana

nelemisebenzi eyenziwayo kwizifundo zabo).

7.1.4 Ngokuphathelele neemodyuli zabo bafundi bangekathweswa zidanga apho kusetyenziswa isiAfrikansi nesiNgesi kwiklasi enye, umanyaniso lwamathuba okufunda alungiselelwa lula ngolu hlobo:

7.1.4.1 Kwisifundo ngasinye, noko lonke ulwazi luye lugqithiselwe ngesiNgesi, ukuze izishwankathelo nogxininiso lomongo zinikezwe nangesiAfrikansi. Imibuzo engesiAfrikansi nesiNgesi xa kukhangeleka kunokwenzeka, iye iphendulwe ngolwimi ekubuzwe ngalo umbuzo.

7.1.4.2 Abafundi baye baxhaswe ngesiAfrikansi nangesiNgesi xa bekwizifundo ezinamathuba achanekileyo akhuthaza ukufunda bedibene kwisifundo esinye (umzekelo, iindibano ngexesha lomsebenzi okanye ngexesha elisikelwe izifundo zamaqelana nelemisebenzi eyenziwayo kwizifundo zabo.)

7.1.4.3 Malunga neemodyuli zabafundi bonyaka wokuqala, iSU yenza kubekho eziklasini utoliko lwezifundo ngeli lixa ziqhubekayo. Kwizifundo zonyaka wesibini nezeminyaka elandelayo, iSU yenza kufumaneke utoliko olwenzeka ngaxesha linye nesifundo xa kuceliwe yifakalthi, xa izidingo zabafundi zigunyazisa inkonzo elolu hlobo kwaye ibe neSU inazo izixhobo zokunikezela ngaloo nkonzo. Xa kuye kwagqitha iiveki ezimbini kungekho mfundi uzisebenzisayo ezi nkonzo zotoliko kulo modyuli, ukutolika kunganqunyanyiswa.

7.1.5 Kwezi meko zilandelayo, izifundo zabafundi abangekathweswa zidanga ziza kunikezelwa ngolwimi olunye kuphela:

7.1.5.1 Xa imeko yomongo wesifundo saloo modyuli sigunyazisa ukuba oku kwenzeke, umzekelo, xa loo modyuli ingelolwimi ngqo.

7.1.5.2 Xa umhlohli ojongene nalo klasi ekwazi ukufundisa ngesiAfrikansi okanye ngesiNgesi kuphela. Ngokwezi modyuli zilandelayo, inkxaso eyongeziweyo iyanikezwa:

(a) Ukuba izifundo zingesiAfrikansi, iSU yenza kubekho utoliko oluqhubeka ngaxesha linye kwisiNgesi kwigumbi lokufundela okanye kwizifundo zobuxhakaxhaka bale mihla qho kufundiswa. Ukuba izifundo zingesiNgesi, iSU yenza kubekho utoliko oluqhubeka ngaxesha linye lweemodyuli zabafundi abenza unyaka wokuqala zifumaneke ngesiAfrikansi kwigumbi lokufundela kwisifundo ngasinye. Kwizifundo zonyaka wesibini okanye zeminyaka elandelayo, iSU yenza kubekho utoliko oluqhubeka ngaxesha linye ngesiAfrikansi kwindawo ekufundelwa kuyo okanye kubuxhakaxhaka bale mihla xa oku kuceliwe yifakalthi, naxa izidingo zabafundi zigunyazisa le nkonzo, iSU iyayinikezela. Xa kuye kwagqitha iiveki ezimbini kungekho mfundi uzisebenzisayo ezi nkonzo zotoliko kulo modyuli, ukutolika kunganqunyanyiswa.

(b) Ukongeza koko kuzuzwa kwizifundo naxa imeko ivuma, kubakho amathuba emfundo achanekileyo nalungiselelwe abafundi, (umzekelo, iindibano ngexesha lomsebenzi okanye ngexesha elisikelwe izifundo zamaqelana nelemisebenzi

eyenziwayo kwizifundo zabo) ukuze zifumaneke ngesiAfrikansi nangesiNgesi.

7.1.5.3 Xa bonke abafundi abakuloo klasi ithile bemenyiwe ukuba bavote kuvoto oluyimfihlo, ukuze ke emva kokuba bevotile, babe bevume bonke ngamxhelo mnye malunga nokufundiswa kwemodyuli ethile, loo modyuli iya kufundiswa ngesiAfrikansi kuphela okanye ngesiNgesi kuphela, kodwa ke oku kuya kwenzeka kuphela xa abahlohli abakhoyo nabancedisi babahlohli benolwazi olwaneleyo lolwimi lokufundisa oluyimfuneko kwaye bevuma ekwenzeni oko.

7.1.6 Ukongeza kwizifundo, kuxhomekeke kwizidingo zabafundi naxa imeko ivuma okanye kunokwenzeka, iSU inganikezela ngeendlela ezahlukeneyo zokufunda ezixhaswa ngobuxhakaxhaka boLwazi loNxibelelwano lobuGcisa bale mihla (I-ICT ngolwasemzini), umzekelo ukurekhodwa kwezixhobo zezifundo nezifundo (ushicilelo olurekhodiweyo okanye iividiyo), zinto ezo zinokulungiswa ukuze zisetyenziswe ngabafundi zibe zingesiNgesi okanye nesiAfrikansi ukanti ngamanye amaxesha, ngesiXhosa okanye uLwimi lweeMpawu loMzantsi Afrika zibe zijolise kwimfundo abayilawula ngokwabo abafundi, nokuzinziswa ngakumbi kolwazi nokwenza kube lula ukuhlaziya olo lwazi.

7.1.7 Izixhobo zokufunda zabafundi abangekathweswa izidanga zibakho ngezi ndlela zilandelayo:

7.1.7.1 Zonke izixhobo zokufunda ezimiselweyo ziza kunikezwa ngesiNgesi, ngaphandle kokuba imodyuli leyo iqhutywa kwangolo lwimi luthile.

7.1.7.2 Izixhobo zokufunda ezimiselweyo (ngaphandle kwezo zishicilelweyo) zinikezwa ngesiAfrikansi xa imeko ivuma okanye kukhangeleka kunokwenzeka ngempumelelo oko.

7.1.7.3 Izikhokelo zeemodyuli zaseSU kuquka nezikhokelo zezifundo ziyafumaneka ngesiAfrikansi nangesiNgesi.

7.1.7.4 Apho kukhangeleka kunokwenzeka naxa kukho izidingo ngokwenzululwazi yokufundisa, isiXhosa nezinye iilwimi ziyasetyenziswa ngeenjongo zokuzinzisa ulwazi ngakumbi, umzekelo, oku kusenziwa ngokuqokelelwa nokubandakanywa kwesigama seelwimi ezahlukeneyo kwanesigama esingemfundo enomsila ngokubanzi.

7.1.8 Kuyo yonke imibandela yokufunda nokufundiswa kwabo bafundi sele bethweswe izidanga, kuquka neemodyuli zabo bangekathweswa zidanga kumgangatho weSikhokelo seziQinisekiso zeSizwe (i*National Qualifications Framework* ngolwasemzini) neshunqulelwa ngokubizwa (iNQF) umgangatho wesi8 kuquka nesiqinisekiso sabafundi abasele bethweswe izidanga kwiNQF umgangatho wesi7, isiNgesi okanye ezinye iilwimi zingasetyenziswa, kodwa kuphela xa abahlohli okanye abafundi ababandakanyeka kuloo modyuli benolwazi olugqibeleleyo kwezinye iilwimi.

7.1.9 Amaphepha emibuzo eemodyuli zezifundo zabo bangekathweswa zidanga, ayafumaneka ngesiAfrikansi nangesiNgesi okanye, ngesiXhosa, kodwa oku

kungenzeka kuphela xa kuye kwakho uthethwano nesivumelwano kwangethuba nomhlohli, naxa loo mhlohli enolwazi olugqibeleleyo ekubeni akwazi ukuhlela iimvavanyo ngesiXhosa.

7.1.10 Amaphepha emibuzo eemodyuli zabafundi abasele bethweswe izidanga, noko ayafumaneka ngesiNgesi. Abafundi bavumelekile baziphendule zonke iimvavanyo baze bangenise imisebenzi ebhaliweyo ngesiNgesi okanye ngesiAfrikansi okanye isiXhosa, kodwa oku kungenzeka kuphela xa kuye kwakho uthethwano nesivumelwano kwangethuba nomhlohli, naxa loo mhlohli enolwazi olugqibeleleyo ekubeni akwazi ukuhlela iimvavanyo ngesiAfrikansi nangesiXhosa.

7.1.11 Kwimeko apho abafundi nabasebenzi bedinga iitekisi ezizezinye ezifana neBreyili esisixhobo sokubhala nokufunda ngamaqhuqhutyana, sixhobo eso isesabantu abangaboniyo, kungenjalo banikwe iitekisi ezandisiweyo, njengesixhobo sokunxibelelana nokuqonda ulwazi, kwaye ukuba ezi ndlela zokufunda azikho, loo msebenzi ungumhlohli uchaphazelekayo kungafuneka aqhagamshelane neOfisi yeBreyili yaseSU ebizwa nge*SU's Braille Office*, ukuze imnike inkxaso ngokufumana ezi zidingo zakhe zeetekisi ezizezinye, zibe zisenziwa kwayile ofisi ijongene noku.

7.1.12 Nanjengoko uLwimi lweNtetho yeZandla yoMzantsi Afrika ilulwimi olusisiseko lwabanye abantu abangevayo kakuhle, itoliki yoLwimi lweZandla okanye ubhalo lwezihloko ebhodini ibakho ngeli lixa kufundiswa, kwizifundo zamaqelana nakwimisitho ezukileyo kawonkewonke yaseSU, kodwa oku kwenzeka xa kuyimfuneko naxa kubonakala kunokwenzeka ngokulula.

7.1.13 Iifakalthi zinako ukucela ukungachaphazeleki kwimigaqo yomgaqonkqubo kulo mhlathi uku7.1 kwiimeko ezithile, kodwa xa oko kungachaphazeleki …:

7.1.13.1 kuhlala kunxamnye nemigaqo yalo *Mgaqonkqubo*; naxa

7.1.13.2 kuthethelelwa ngoovimba babasebenzi kwanabo babonakalayo ngokwasemsebenzini, oovimba abo banikezelwa yiYunivesithi, ngokuzinikela kwayo kwiintshukumo ezimalunga neendlela yokufundisa okanye ngokunxamnye noko kuyingqwalaselo yefakalthi nganye; kwaye

7.1.13.3 kwamkelwe libhunga lefakhalthi echaphazelekayo, kuze kugqithiselwe kuhamba nenkcazelo eya kwiQumrhu lolawulo, ukuze eli Qumrhu lolawulo likwamkele ekugqibeleni, okanye xa kubonakala kungxamisekile, kugqithiselwe kwiKomiti yesiGqeba seQumrhu loLawulo.

## 7.2 Unxibelelwano lwangaphakathi

7.2.1 Lonke unxibelelwano lwangaphakathi olusemthethweni kwiziko luza kugqithiselwa ngesiAfrikansi, isiNgesi nangesiXhosa. Inguqulelo lwimi lwesiXhosa yemigaqonkqubo engesiAfrikansi nangesiNgesi kuphela, iza kuqala ukusetyenziswa ukusukela kumnyaka ka2022 ukuya kuma ku2024, kodwa kuza kusetyenziswa isithathu senani lemigaqonkqubo kunyaka ngamnye.

7.2.2 Ulwimi okanye iilwimi ezisetyenziswayo kwimihlangano yangaphakathi, kufuneka zijoliswe ekuqinisekiseni ukuba wonke umntu uyabandakanyeka

kwaye unakho ukuthatha inxaxheba.

7.2.3 Imibuzo ethethwa ngomlomo okanye ebhaliweyo kuquka nezicelo ezisuka kubafundi nakubasebenzi, iza kujongwa ize iphendulwe ngolwimi ekubuzwe okanye ekwenziwa ngalo isicelo, kodwa oku kuya kuphunyezwa xa kunokwenzeka ngempumelelo.

7.2.4 IsiAfrikansi, isiNgesi nesiXhosa zisetyenziswa ngokufanelekileyo kuyo yonke imisitho esemthethweni efana nemihlangano esemthethweni, ngamaxesha emisitho, nakwizifundo zokubekwa ngokusesikweni kweeNjingalwazi.

7.2.5 Kwimibutho yabafundi, ulwimi lusetyenziswa ngohlobo oluza kuqinisekisa ukuba wonke ubani ubandakanyekile kwaye uyakwazi nokuthatha inxaxheba, kodwa xa oku kubonakala kunokwenzeka ngokulula.

7.2.6 Ezi zibonelelo zilandelayo xa abasebenzisi bolwazi lobugcisa behlanganisa izixokelelwano zobugcisa bolwazi bale mihla (iIT) nezixhobo ezisetyenziswa kubuxhakaxhaka bale mihla, kuquka nezixokelelwano zokulawulwa komongo womnathazwe weintanethi:

7.2.6.1 Apho ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kusenzeka nje ngokulula (umzekelo, apho iSU inokuba negalelo ekuphuhlisweni kwesixhobo esithile esisebenza kubuxhakaxhaka bale mihla, okanye xa inkqubo yobuxhakaxhaka ixhasa oku, okanye ibe yiSU eyile esi sixhobo sobuxhakaxhaka), iSU ixhasa isiAfrikansi nesiNgesi kuxhomekeke kulwimi olukhethwa ngulowo ulusebenzisayo.

7.2.6.2 Xa kusetyenziswa iinkqubo zorhwebo zezixhobo zobuxhakaxhaka bale mihla, loo nkqubo iye iqhubeke ngesiNgesi ngoko nangoko.

7.2.6.3 Xa ulwimi olukhethwa ngulowo usebenzisa ezi zixhobo lungaziwa, unxibelelwano luya ngqo kwisiNgesi.

7.2.7 La malungiselelo alandelayo asetyenziswa kwizixokelelwano zolwazi okanye kwidatha yezixhobo zobuxhakaxhaka bale mihla:

7.2.7.1 Xa kunakho ukwenzeka ngokufanelekileyo, idatha okanye ulwazi olubhekiselele kumntu othile kumele lube ngeelwimi ezahlukeneyo.

7.2.7.2 Xa uyilo lwedatha okanye lolwazi lubandakanya ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi nezahlukileyo naxa oku kukhangeleka kunokwenzeka, unxibelelwano olunxulumene nomsebenzisi wobuxhakaxhaka bale mihla obufana nekhompyutha engokufakwa kwedatha, kumele ikuxhase ukufakwa kwedatha ngokuthi kusetyenziswe iilwimi ezahlukeneyo.

7.2.7.3 Xa uyilo lwedatha lulungiselela okanye luxhasa ulwimi olunye kuphela, kuye kusetyenziswe isiNgesi.

7.2.7.4 Malunga nayo yonke enye idatha, kusetyenziswa isiNgesi.

## 7.3 Unxibelelwano lwangaphandle

7.3.1 IsiAfrikansi nesiNgesi nesiXhosa, xa kukhangeleka kunokwenzeka ngokufanelekileyo, zonke ziilwimi zaseSU zonxibelelwano lwangaphandle.

7.3.2 ISU iyayihlonipha imigaqonkqubo yeelwimi kwaneelwimi ezikhethwa ngabaxhasi bayo, amaqabane ayo kunye nababhaleli bayo bangaphandle, kwaye iya kuzamkela iilwimi ezikhethwa ngabaxhasi bonke kangangoko

inako, ingakumbi xa kukhangeleka kunokwenzeka ngokufanelekileyo. Xa iSU ikhangeleka ingakwazi ukuvuma nokubandakanya iilwimi ezikhethwa ngabaxhasi bayo, ulwimi ekuye kunxityelelwane ngalo sisiNgesi.

7.3.3 Isixokelelwano soLwazi lobuGcisa (lweIT) okanye isixhobo sobuxhakaxhaka bale mihla esidala unxibelelwano phakathi komntu nobo buxhakaxhaka bale mihla, oku kuqhutywa ngokufanayo noku:

7.2.6. Imizekelo iya kuba nxamnye nonxulumano lwabasebenzisi bobuxhakaxhaka nezixhobo zobu bugcisa, kube kulungiselelwa abafundi ababefudula befunda kule yunivesithi, abaxumi nabazali okanye abalondolozi babantwana.

## 7.4 Ukucwangciswa kolwimi

7.4.1 Rhoqo ngonyaka, uSekela weSekela Tshansila: kwicandelo lokuFunda nokuFundisa, uye avumelane neengqonyela zeefakhalthi malunga namacebo okuqinisekisa ukuthatha uxanduva ngokuphathelele nokumiselwa *koMgaqonkqubo*, xanduva olo luza kuquka nokuba yingxelo yonyaka malunga nokuphunyezwa kwesicwangciso sokumiselwa kolwimi kwifakhalthi nganye (jonga ku8.1), kuquka nengxelo engokuthotyelwa kwaso eza kungeniswa xa kuphela isinqingatha ngasinye sonyaka (jonga ku8.2), konke oku kusenziwa kuhlonitshwa imiqathango yomgaqonkqubo ecaciswe kumhlathi 6 ukuya kuma kwimihlathi 7.4.2.1 kude kuye kumhlathi 7.4.2.3. Ungakhange udlule umhlangano wokugqibela weBhunga neQumrhu lolawulo lweyunivesithi rhoqo ngonyaka, kufuneka uSekela Sekela Tshansila: kwicandelo lokuFunda nokuFundisa, linike iBhunga ingxelo, emva kokuyidlulisa kubaPhathi okanye kwiQumrhu loLawulo, ukuze lichaze banzi ngamacebo ekuvunyelwene ngawo okuthatyathwa koxanduva olungomgaqonkqubo neengqonyela zeefakhalthi ukulungiselela unyaka olandelayo nosele usemnyango.

7.4.2 Ifakhalthi nganye ichaza indlela eza kuwumisela ngayo lo *Mgaqonkqubo* kwisicwangciso sayo sokumiselwa kolwimi, nekumele sijoliswe ekuqinisekiseni ukuba zonke iimodyuli ziyafikeleleka kwaye nokusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo kuphuhliswa ngeenjongo ezakhayo ukuze:

7.4.2.1 kugcinwe ukufundisa ngesiNgesi ukuze kuphunyezwe ukufikeleleka ngokupheleleyo kweSU kwabo bafundi banelungelo nababonakala benokuzifeza izidingo zokufunda kweli ziko, kwanabo bafundi sele bekunye nathi, nabakhetha ukufunda ngolwimi lwesiNgesi;

7.4.2.2 kube nokulawulwa ngokuchanekileyo kokufundiswa ngesiAfrikansi ukuze kube nokugcinwa ukufikeleleka kweSU kwabo bafundi abakhetha ukufundiswa ngesiAfrikansi, kuquka nokuphuhliswa ngakumbi kolwimi lwesiAfrikansi njengolwimi lokufundisa xa oku kukhangeleka kunokwenzeka ngokufanelekileyo; kwaye;

7.4.2.3 kusetyenziswe nesiXhosa kwimeko apho kufumaniseka kunokwenzeka ngokufanelekileyo oku, naxa kukhangeleka kufundiseka ngokulula nangokungenabunzima.

7.4.3 Ifakhalthi nganye iphononongа indlela esebenzisa ngayo ulwimi lokufunda nokufundisa, ize irekhode amalungiselelo ayo olwimi rhoqo ngonyaka kwisicwangciso sayo sokumiselwa kolwimi, oku kwenziwe rhoqo ngonyaka ubuncinci. Esi sicwangciso siye sichazelwe iQumrhu loLawulo, sibe sisuka kwibhunga lefakhalthi nakwisiGqeba seBhunga esijongene nokuCwangciswa

kweziFundo (iAPC). IQumrhu lolawulo ke linegunya lokusamkela isicwangciso sefakhalthi sokumiselwa kolwimi okanye sisibuyisele kwifakhalthi leyo, sihamba okanye singahambi namiqathango. Xa siye samkelwa, amalungiselelo olwimi lokufunda nokufundiswa kwemodyuli ethile aye apapashwe kwizikhokelo ezijongene naloo modyuli.

7.4.4 Naluphi na utshintsho kumalungiselelo olwimi kwisicwangciso sokumiselwa kolwimi lwefakhalthi, noluhamba ecaleni kwinkqubo yophononongo eqhelekileyo, kodwa lube luyimfuneko mhlawumbi kwiqela elithile labafundi ngokuphathelele kolo lwimi bakhetha ukufundiswa ngalo, iimeko zokufundiswa okanye ukungabikho komhlohli onolwazi olugqibeleleyo lolo lwimi, utshintsho olunxamnye noku lungenziwa ngusihlalo welo sebe kunye nengqonyela yaloo fakhalthi emva kokuba bedibene nekomiti yefakhalthi ejongene nemicimbi yezemfundo. Lonke utshintsho olulolu hlobo kumele luchazwe kwindibano yesigqeba sefakhalthi elandelayo nakwimihlangano yeQumrhu lolawulo. Abafundi abenza ezo modyuli bayachazelwa ngolu tshintsho nangezizathu zalo ngoko nangoko xa ithuba likuvumela oko.

7.4.5 Iziko ngalinye loxanduva (iRC ngamafutshane nangokwasemzini), kuquka namacandelo ajongene neenkonzo zemisebenzi engemfundo naleyo yenkxaso kulawulo, kuquka neekomiti zabafundi, zikuphonononga rhoqo indlela ezisebenzisa ngayo iilwimi kwimimandla ezisebenza kuyo, zize zirekhode amalungiselelo olwimi kwizicwangciso zokumiselwa kolwimi kuloo macandelo azo. La macebo ahlanganiswa kwinqanaba lamaZiko ajongene noXanduva (leRC) aze athiwe thaca kwiQumrhu lolawulo, emva kokuba enikwe iKomiti yeQumrhu lolawulo ejongene nokuCwangciswa kweMfundo. IQumrhu linegunya lokuba lingayamkela ingxelo yeRC engezicwangciso zokumiselwa kolwimi okanye inakho nokuyibuyisela umva iphindele kule komiti: ihamba okanye ingahambi namiqathango ukuya kwiziko elijongene noxanduva lolwimi.

## 7.5 Ukukhuthazwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi

7.5.1 Iziko lweeLwimi, iifakhathi, amasebe eelwimi, iinkonzo zemisebenzi engemfundo kwanezo zenkxaso kulawulo, amaqumrhu olawulo naphetheyo kuquka nabafundi, bonke bayaphathisana ngoxanduva lokuqhubela phambili nokuphucula isakhono somntu ngamnye kwaneziko ngokubanzi ekusetyenzisweni kweelwimi ezahlukeneyo eSU.

7.5.2 ISU iphuhlisa ize ikhuthaze iintshukumo ezintsha ezibonakalisa ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi nokunxibelelana ngeelwimi ezahlukeneyo, ngokuthi inikeze ingxowamali ephuma kweli ziko, umzekelo, ukwandisa amathuba okufundisa ngeelwimi eziliqela endaweni yolwimi olunye kwiifakhalthi; ukwenziwa kophando ngolwimi, ukwabelana ngolwazi olungokwenzeka konxibelelwano oluncomekayo ngeelwimi ezininzi okanye ngeencoko ezingelwimi ezahlukeneyo; ukunikeza ngezibonelelo nophuhliso lwabasebenzi ukuze kube nokusetyenziswa ubugcisa bokufunda obukhuthazwa lulwazi lobuxhakaxhaka bale mihla (lweICT ngolwasemzini); ukuxhaswa kwamaphulo agxile kwizakhono ezithile zemfundo, kwanokusungula amaqhina entsebenziswano phakathi kweeyunivesithi esisebenzisana nazo nangaphakathi apha kwiyunivesithi yethu, ingakumbi amaqhina entsebenziswano ajolise ekuphuhliseni nasekuzinziseni iilwimi ezisemthethweni nezinye iilwimi zoMzantsi Afrika.

7.5.3 ISU iyayixhasa imisebenzi yophando ebhalwe ngesiAfrikansi

kwanokuqhubekeka kusetyenziswa isiAfrikansi njengolwimi lwenzululwazi kwiYunivesithi ngokubanzi. I-SU iyakukhuthaza ukusetyenziswa kwesiAfrikansi ngokwenza oku, umzekelo: ukufundisa, ukwenza uphando kwisiAfrikansi okanye ngesiAfrikansi, ukusingatha iingqungquthela, ukunikezelwa kwezifundo (iikhosi) ezimfutshane, ukuxhaswa kwabahlohli bolwimi kwanokusingathwa kweentetho ezindilisekileyo ngesiAfrikansi; ukunikezwa kwezifundo zabo banomdla wokuthetha isiAfrikansi; ukuphuhliswa kwezixhobo noovimba bemfundo nabemisebenzi ngesiAfrikansi; ukuxhasa uphuhliso lokufunda nokubhala ngesiAfrikansi; ukunikezela ngeenkonzo zolwimi eziquka ukuguqulela kwisiAfrikansi, nokuhlelwa okanye ukuyilwa kwamaxwebhu ajongene neetekisi zesiAfrikansi; ukuphuhliswa kwesigama esingeelwimi ezininzi kwaye isiAfrikansi sibe lolunye lwezo lwimi; ukuxhaswa kokufikeleleka kwiitekisi zophandonzulu ezingesiAfrikansi, kwanokuphuhlisa isiAfrikansi ngokopapasho lophando lwezemfundo (kwimimandla efanelekileyo yophando apho abo bantu kujoliswe kubo kunokutsetyenziswana nabo ngendlela echanekileyo nenentsingiselo egqathu) kwaye isiAfrikansi sivele nakuphando olungenzululwazi nakusasazo okanye izibhalo zophando ngqangi ngokubanzi.

7.5.4 IsiXhosa, njengolwimi olusesesikweni lwemveli kummandla wemfundo lufumana ukuhoywa okuzinzileyo ngeenjongo zokukhula kokusetyenziswa kwalo kwimimandla eyahlukileyo yezemfundo, kusenziwa ngokukhethekileyo kujongwe izidingo zabafundi, ngendlela ecwangcisisiweyo, eququzelwe ngokugqibeleleyo, nalapho imfundo inokufumaneka ngohlobo olufanelekileyo, hlobo olo lungenamida nolubonakala lugqibelele. Indima yemfundo nobunkokheli beSebe leeLwimi zesiNtu, iya kusetyenziswa ngokupheleleyo, nanjengoko eli sebe linamava agqwesileyo, umgangatho wokufundisa nokuphanda okwinqanaba eliphezulu kwimimandla yolwimi ngokubanzi nenzululwazi ngeelwimi. Kwezinye iinkqubo zezifundo, isiXhosa sele sisetyenziswa ngeenjongo zokukhuthaza ukufunda nokufundisa, ingakumbi apho ukusetyenziswa kwesiXhosa kunokuvela kubalulekile ngokuphathelele kwiinjongo zezakhono zemisebenzi. ISU izibophelele ekunyuseni izinga lokusetyenziswa kwesiXhosa, ngokohlobo olunokwenzeka ngokufanelekileyo kwaye luqulathe imfundo efikelelekayo, umzekelo, ngokuthi kuqeqeshwe abahlohli, kusungulwe izifundo ezifutshane ezigxile kunxibelelwano olusisiseko ezinokubhaliselwa ngabasebenzi nabafundi, unxibelelwano olugxile kwizakhono zemisebenzi, ukuphuhliswa kwezikhokelo zesigama esinxamnye namacandelo athile (izixhobo ezishicilelweyo okanye ezifana neefoni zokusebenza ngobuxhakaxhaka bale mihla) kuquka neencwadana ezifundisa ngamabinzana esiXhosa.

7.5.5 Nanjengoko kugunyaziswa *sisiKhokelo soMgaqonkqubo woLwimi wamaZiko kaWonkewonke eMfundo enoMsila* (2020) nakumaphulo eYunivesithi ngenkqu kwimimandla yayo, kuquka neSebe leeLwimi zesiNtu neZiko leeLwimi, esi sikhokelo siya kuzinziswa ukuze sikwazi ukuphuhlisa nezinye iilwimi ezisemthethweni zoMzantsi Afrika nezingaquki isiAfrikansi, isiNgesi nesiXhosa, ukuze zibe kwinqanaba leelwimi zokufunda nokufundisa, ukuphumeza imfundo ekwinqanaba eliphezulu, kwanophando eMzantsi Afrika. IYunivesithi iza kuphicotha kananjalo ibhale okanye ishicilele amaqhinga namathuba entsebenziswano okuphuhlisa umgangatho wengqiqo wezemfundo kwezinye iilwimi kumaziko emfundo enomsila eMzantsi Afrika, kwanokufunda nokuphuhlisa iilwimi zemveli ezazijongelwe phantsi ezifana nesiKhoi, isiNama nolwimi lwamaSan.

7.5.6 I-SU iza kuqhubekeka iphakamisa ukufundwa kweelwimi zamazwe ngamazwe kwaye ize nezisombululo kumba wokudodotyaliswa nokujongelwa phantsi kweelwimi zemveli. Nanjengoko ezi nkqubo zibalelwa kwezo ziphantsi kweenkqubo neemodyuli zeFakhalthi yezeMfundo, eyobuGcisa neNzululwazi ngezeNtlalo, kuquka neZiko leeLwimi, iSU iza kuncedisa apho kukhangeleka kunokwenzeka, ukuze kuqeqeshwe iititshala ezaneleyo zolwimi, iitoliki, abaguquli kwanezinye iingcali zolwimi ukuze zifezekise izidingo zabemi boMzantsi Afrika abasuka kwiindawo zokuhlala ezineelwimi ezahlukeneyo.

### 7.6 Inkxaso esuka kwiZiko leeLwimi

IZiko leeLwimi linikeza ngeenkonzo zolwimi ezijolise ekumilisweni ngokugqibeleleyo *koMgaqonkqubo woLwimi*, lincedisana neefakhalthi, abasebenzi abajongene nokufundisa kunye namacandelo eenkonzo zenkxaso kulawulo kuquka nezigqeba zolawulo, likwenza oku ngokunikezela oku umzekelo, inkxaso yophuhliso lokufunda nokubhala, iinkonzo zolwimi eziquka inguqulo, ukutolika nokuhlela; iimodyuli ezingonxibelelwano lwezemisebenzi, izakhono zemfundo ephakamileyo, neemodyuli zokufunda ulwazi lokuthetha nokubhala kwisiAfrikansi, isiNgesi, isiXhosa noLwimi lweNtetho engeZandla lwaseMzantsi Afrika; nophando olungolwimi okanye ukusetyenziswa kolwimi ngokubanzi. Iifakhalthi, amacandelo eenkonzo ezixhasa abasebenzi abajongene nemfundo nezo zenkxaso kulawulo, kuquka nezigqeba zabaphathi nolawulo, onke la macandelo angentla athi emva kokuba ebecebisene neZiko leeLwimi, nawo anikeze ngoncedo lwawo olulolunye lolwimi.

## 8. Ingxelo, ukubeka iliso nokusonjululwa kwengxabano

8.1 Ifakhalthi nganye neziko lokuthathwa koxanduva kuquka neBhunga elimele aBafundi (iSRC) ziye zingenise ingxelo kwiQumrhu lababaphathi kanye ngonyaka, ngomhla ekugqitywe ngawo liSekela Sekela Tshansila: UkuFunda nokuFundisa, ibe loo ngxelo icacisa:

8.1.1 Nabuphi ubunzima abaye bajongana nabo malunga nokumiselwa *koMgaqonkqubo woLwimi*;

8.1.2 Naziphi na izixhobo, amacebo nobuchule obuye baphuhlisa ukumiselwa *koMgaqonkqubo*, okanye obunokuqhubela phambili ngokuchubekileyo malunga neziphumo *zoMgaqonkqubo*; kwaye

8.1.3 Naziphi iingcebiso zezilungiso *kuMgaqonkqubo*.

8.2 Ifakhalthi nganye yenza ize ithumele ingxelo ebhaliweyo eya kwiSekela Sekela Tshansila: UkuFunda nokuFundisa, emva kwesiqingatha ngasinye sonyaka malunga nendlela ebithobele ngayo isicwangciso sefakhalthi sokumiselwa kolwimi apha ebudeni beso siqingatha sonyaka. Kwimeko nganye, apho kuye akwabikho kuthotyelwa kwesi sicwangciso, ingxelo kufuneka ikuchaze ngokupheleleyo oku, kuquka nezizathu zokwenzeka kwako, kuze kudandalaziswe namanyathelo athatyathwa okanye aza kuthatyathwa yifakhalthi ekuzameni ukunqanda ukuba oku kunxaxha kwisicwangciso sokumiselwa kolwimi kungaphindi kwenzeke kwakhona.

8.3 ISekela Sekela Tshansila: Kwicandelo lokuFunda nokuFundisa, linakho ukuqesha okanye ukonyula iKomiti yabaCebisi kuCwangciso noLawulo loLwimi (iLPM) ngokohlobo elivakalelwa ngalo, ukuze le komiti yenze loo misebenzi iyisikelweyo. Le misebenzi ingaquka oku: ukuncedisa ekuqulunqweni kwezicwangciso neengxelo zokumiliselwa kolwimi, ukuze kube nokuchongwa ezo zinto zintle ziye zasebenza, kuquka nemiba enokuxoxwa kwilixa elizayo, kananjalo kwenziwe nezindululo

zokuphuculwa kwezi zicwangciso ziifakhalthi kwaneenkonzo zolawulo ezixhasa imisebenzi engemfundo enomsila. Ezi zindululo zingamkelwa ziphicothwe liSekela leSekela Tshansila: UkuFunda nokuFundisa, ukuze ziqukwe kwingxelo yonyaka engokuFunda nokuFundisa, ngxelo leyo ithunyelwa kwiBhunga leyunivesithi.

8.4 ISekela leSekela Tshansila: Kwicandelo lokuFunda nokuFundisa, liye lilungise ingxelo yonyaka ethunyelwa kwiBhunga ngokuphathelele kwimiba enxamnye *noMgaqonkqubo,* ngxelo liyo iza kube iqale ngokuthunyelwa kwicandelo leeNgqonyela, kwiQumrhu labaPhathi nakwiKomiti yoLwimi ephantsi kweBhunga leyunivesithi. Xa kulungiswa lengxelo, iSekela Sekela Tshansila: UkuFunda nokuFundisa, liye lithathele ingqalelo iingxelo ezichazwe kwimihlathi 8.1 no8.2, kuquka nengxelo eneempendulo okanye imihlomlo esuka (kwiLPM) kwiKomiti yabaCebisi kuCwangciso noLawulo loLwimi (umhlathi 8.3). Iinjongo zale ngxelo iquka ukulungiswa kwemimandla exhalabisayo kwanokwabelana ngolwazi ngaphakathi kwiYunivesithi.

8.5 Abafundi abavakalelwa benganelisekanga ngokwaneleyo kukucwangciswa *koMgaqonkqubo woLwimi*, kufuneka bayame ngezi nkqubo zilandelayo:

8.5.1 Malunga nokumiselwa okwenziwa ziifakhalthi, izikhalazo zivakaliswa ngokohlobo olucwangciswe kwinkqubo yezibheno/izikhalazo zaloo fakhalthi ibandakanyekayo, okanye xa loo nkqubo ingekho, kuxhomekeka kwindlela akholwa ngayo ukugqithisela isikhalazo sakhe lowo uchaphazelekayo ulilungu labasebenzi, angaya kwintloko okanye usihlalo ochaphazelekayo welo sebe, okanye aye kwingqonyela. Ukuba izikhalazo azisonjululwanga ngokwanelisayo kwinqanaba lefakhalthi, zibe ezo zikhalazo zinento yokwenza neemeko zemfundo, abafundi banakho ukugqithisela ezo zikhalazo kwiKomiti yoCwangciso lweMfundo (iAPC ngamafutshane), sibe siqale kwiBhunga laBafundi elijongene nemiCimbi yezeMfundo (iAAC ngamafutshane), ukuba ke akuvelanga sisombululo kwiAPC, iAPC iye iwugqithisele kwiBhunga lo mcimbi, ube uhamba nesindululo.

8.5.2 Malunga nokumiselwa komgaqonkqubo ngamacandelo eenkonzo ezixhasa imisebenzi engemfundo nemisebenzi yolawulo, izikhalazo zigqithiselwa kubaphathi bomsebenzi ngamnye kwicandelo asebenza kulo loo msebenzi, okanye xa kujongwe iYunivesithi ngokubanzi, siye kwisiGqeba seeNgqonyela sibe siqale kwisigqeba esiphetheyo seBhunga eliMele aBafundi.

8.5.3 Malunga nokumiselwa komgaqonkqubo yimibutho yabafundi, izikhalazo zithunyelwa ziikomiti zeendawo zokuhlala okanye intloko yeendawo zokuhlala. Ukuba ezo zikhalazo azisonjululwanga ngokwanelisayo, kwiindawo ezihlala abafundi kumhlaba weyunivesithi okanye kwinqanaba lombutho wabafundi ozimeleyo (iPSO ngolwasemzini), abafundi bangazigqithisela ezo zikhalazo kuMlawuli weZiko lemiButho yaBafundi okanye sinyuselwe kuMlawuli oyiNtloko: Kwicandelo leMicimbi yaBafundi, ukuba sikho isidingo.

8.5.4 Kwiimeko apho ukusetyenziswa kwezi komiti zikhankanyiweyo kukhangeleka kungafanelekanga, izikhalazo zingangeniswa kwiNgcali yaseSU eyongameleyo ekusombululeni izikhalazo emva kokuqhagamshelana neminye imibutho echaphazelekayo.

8.6 Amalungu abasebenzi aziva engaphathekanga kakuhle kukumiselwa koMgaqonkqubo woLwimi kumele abambelele okanye oyame kwezi nkqubo zilandelayo:

8.6.1 Malunga nokumiselwa okwenziwa ziifakhalthi, izikhalazo zivakaliswa ngokuxhomekeke kwindlela akholwa ngayo ukugqithisela isikhalazo sakhe

lowo uchaphazelekayo ulilungu labasebenzi, angaya kwintloko okanye usihlalo wesebe ochaphazelekayo, okanye aye kwingqonyela.

8.6.2 Malunga nokumiselwa komgaqonkqubo ngamacandelo eenkonzo zolawulo ezixhasa imisebenzi engemfundo enomsila, izikhalazo zigqithiselwa kubaphathi bomsebenzi ngamnye kwicandelo asebenza kulo lowo unezikhalazo, okanye xa kujongwe iYunivesithi ngokubanzi, izikhalazo zigqithiselwa kwisiGqeba seeNgqonyela zibe ziqale kwiSekela leSekela Tshansila: UkuFunda nokuFundisa.

8.6.3 Kwiimeko apho ukusetyenziswa kwezi komiti zikhankanyiweyo kukhangeleka kungafanelekanga, izikhalazo zingangeniswa kwiNgcali yaseSU eyongameleyo ekusombululeni izikhalazo emva kokuqhagamshelana neminye imibutho echaphazelekayo.

# 9. Ulawulo lomgaqonkqubo

## 9.1 Iindima

9.1.1 **Umnini** walo *Mgaqonkqubo* liSekela Sekela Tshansila: Kwicandelo lokuFunda nokuFundisa, nguye onoxanduva lokwenza imisebenzi ajongene nayo yena Sekela Sekela Tshansila: UkuFunda nokuFundisa, nenikezelwa kuye ngokwemigaqo yalo *Mgaqonkqubo* kuquka neminye imisebenzi elapha ngezantsi:

9.1.1.1 Ukunika isikhokelo malunga nokutolikwa kunye nokumiselwa kwalo *Mgaqonkqubo*;

9.1.1.2 Ukusungula nokongamela ukuphononongwa kwalo *Mgaqonkqubo*;

9.1.1.3 Ukuqesha umgcinimafa oza kujongana nalo *Mgaqonkqubo* noza kusuka KwiCandelo loPhuhliso lokuFunda nokuFundisa, ize imisebenzi eza kwenziwa ngulo mgcinimafa yonganyelwe liSekela Sekela Tshansila;

9.1.1.4 Ukwazisa nokuchaza ngalo *Mgaqonkqubo* kwanokunika ingqwalasela kwindlela omiselwe ngayo ngokugqwesileyo; kwaye

9.1.1.5 Konganyelwe nendlela ekusetyenzwa ngayo yiKomiti eCebisa ngoLawulo noCwangciso loLwimi (iLPM ngolwasemzini), ukuba iye yatyunjwa.

9.1.2 **Umgcinimafa** walo *Mgaqonkqubo* nekuchazwe ngaye kumhlathi 9.1.1.3 unoxanduva lokujongana noku:

9.1.2.1 Ukuba ngusihlalo noMlawuli weKomiti yeeNgcebiso kuLawulo noCwangciso loLwimi, ukuba ide yatyunjwa okanye yonyulwa;

9.1.2.2 Ukulungelelanisa, ukongamela nokubeka iliso kwiinkqubo zeYunivesithi, nkqubo ezo zijongene nolawulo nocwangciso lolwimi;

9.1.2.3 Ukukhuthaza ulwazi malunga no*Mgaqonkqubo woLwimi*; kunye

9.1.2.4 Nokubiza ahlanganise amaqela omsebenzi ukuze ahlaziye okanye aphonononge lo *Mgaqonkqubo*, xa loo nkqubo yophononongo sele iqalisiwe.

9.1.3 IKomiti yoLwimi yeBhunga yona ijongene nokunceda iBhunga leyunivesithi ekwenzeni umsebenzi walo wokongamela ngokubanzi malunga nemiba

yolwimi kwiYunivesithi, kuquka nokumiliselwa kwalo *Mgaqonkqubo*, kwanokuqwalasela naziphi na izilungiso notshintsho olunokuvela ngalo *Mgaqonkqubo*.

9.1.4 Ibhunga linoxanduva olubanzi lokuqwalasela imiba engolwimi kwiYunivesithi, kuquka nokumiliselwa kwalo Mgaqonkqubo kwaye liye lamkele uMgaqonkqubo woLwimi ngokuvumelana neQumrhu loLawulo nasemva kokudibana neNgqungquthela yeZiko.

9.1.5 IQumrhu loLawulo linoxanduva lokuqwalasela imiba yemfundo, kwaye uvumelwano phakathi kweli Qumrhu loLawulo neBhunga luyadingwa ngeenjongo zokwamkela *uMgaqonkqubo woLwimi*.

## 10. Uphononongo nophengululo

10.1 Ukuyilwa komgaqonkqubo woLwimi nokumiselwa kwawo ziinkqubo ezinobungangamsha nenkqubela phambili.

10.2 USekela weSekela Tshansila: UkuFunda nokuFundisa:

10.2.1 Wenza kube lula ukuvavanywa *koMgaqonkqubo woLwimi* ukuze ukwazi ukumelana nokutshintsha kweemeko, oku ekwenza kugxilwe kuphando olungokumiselwa kwawo, ukugqaliselwa kwawo, kuquka nefuthe lalo *Mgaqonkqubo*.

10.2.2 Wenza kube lula ukuba kuhlalwe kudityanwa oko noluntu lweSU ngokubanzi, malunga nemiba emalunga *noMgaqonkqubo woLwimi*.

10.2.3 Ushicilela okanye upapasha ulwazi oluzuzwe kolo phando nakwezo ndibano.

10.2.4 Usungula ngokubona kwakhe, aze ongamele ukuphononongwa *koMgaqonkqubo woLwimi* ngeenjongo zokubona ukuba ungalungiswa okanye ungatshintshwa kusini na.

10.3 *UMgaqonkqubo woLwimi* kufuneka uhlolwe kunyaka wesihlanu wokusebenza kwawo. Unganakho nokuhlolwa kwangethuba, okanye ngaphaya kwesihlandlo esinye ngeli lixa lokusetyenziswa kwawo xa umnini *woMgaqonkqubo* ekubona kufanelekile oko.

## 11. Ukubhengeza

*UMgaqonkqubo woLwimi* luxwebhu lukawonkewonke kwaye ushicilelwa kwiWebhusayithi (yeintanethi) yeYunivesithi.

## 12. Amaxwebhu anxulumeneyo naxhasayo

| Nº | Igama loxwebhu | Iwonga |
|---|---|---|
| 1. | Uxwebhu lwesiKhokelo seNgqiqo elingeZakhono zeMfundo ephakamileyo kwiYunivesithi yaseStellenbosch, 2020 | IsiKhokelo seziko esamkelwe yiKomiti yokuFunda nokuFundisa ngomhla wama17 kuSeptemba 2020 |
| 2. | Umgaqosiseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika, 1996 | Wamkelwa ngomhla wama18 kuMeyi 1996 waze walungiswa okanye wahlonyelwa ngomhla we11 kuOktobha 1996 ligqiza leNdibano yoMgaqosiseko |
| 3. | UMgaqonkqubo wokuFikelela kwizidingo zabanokuKhubazeka, 2018 | Umgaqonkqubo wamaZiko owamkelwa liBhunga laseSU |

| | | |
|---|---|---|
| | | ngomhla wama26 kuMatshi 2018 |
| 4. | UMthetho weMfundo ePhakamileyo wama101 ka1997, njengoko ulungisiwe | Waqala ukushicilelwa kwiphephandaba lasebuRhulumenteni, Nº 18515 ngomhla we19 Disemba 1997 |
| 5. | ISikhokelo soMgaqonkqubo woLwimi waMaziko kaWonkewonke eMfundo enoMsila (2020) | Sishicilelwe kwiPhephandaba lasebuRhulumenteni, Nº 43860 ngomhla wama30 Oktobha 2020 |
| 6. | UMthetho we4 kumnyaka ka2000 wokuPhuhliswa koMakulinganwe nokuNqandwa koCalulo olungenaBulungisa | Ushicilelwe kwiPhephandaba lasebuRhulumenteni, Nº 20876 ngomhla we9 Februwari 2000 |
| 7. | UMthetho we12 kumnyaka ka2012 wokuSetyenziswa kweeLwimi eziseMthethweni | Ushicilelwe kwiPhephandaba lasebuRhulumenteni, Nº 35742 ngomhla we2 Oktobha 2012 |
| 8. | UMmiselo waseSU: IKomiti yoLwimi yeBhunga (2016) | Yamkelwe liBhunga ngomhla wama26 Septemba 2016 |
| 9. | UGunyaziso lwaseSU lweKomiti eCebisa ngokuCwangciswa koLwimi noLawulo (iza kuyilwa xa loo komiti sele yonyuliwe) | Iza kuyilwa |

# Isihlomelo A: Uluhlu lweenkcazelo zamagama nezifinyezo

Olu luhlu lwamagama sisixokomezelo *kuMgaqonkqubo woLwimi* kwaye lunakho ukuhlaziywa ngesigama esifanelekileyo solwimi kunye nezifinyezo ezisetyenziswa yiYunivesithi yaseStellenbosch, zibe zamkelwe yiKomiti yoCwangciso lweMfundo enomsila.

| | |
|---|---|
| **AAC** | **IBhunga leMicimbi yeMfundo** ngumbutho weenkokheli zabafundi osungulwe ziinkokheli zeeklasi kwifakhalthi nganye. |
| **Izakhono zeMfundo enomsila** | **Izakhono zeMfundo enomsila** zibhekiselele kubuchule bolwazi oludingekayo ukuze umntu aphumelele kwimfundo enomsila ngokweetekisi, ubugcisa bale mihla, okubonwayo, okungemijekulo, ngokwamanani, nangezinye iindlela zonxibelelwano ezizinze okanye ezifumaneka kwimimandla eyahlukileyo. Umntu onobuchule bokugqwesa kwezi zakhono zemfundo enomsila kummandla othile wemfundo, ngulowo **unesakhono esigqibeleleyo solwimi lwemfundo** olusetyenziswa kulo mmandla. |
| **APC** | **IKomiti yokuCwangciswa kweMfundo** liqumrhwana eliyinxenye yeBhunga. |
| **Ukufikeleleka kwiNgqiqo** | **Ukufikeleleka kwiNgqiqo** yinkqubo yempumelelo yokuzuzwa kolwazi, ukuyilwa nokwabelana ngalo ngokuvumela ukuba kusetyenziswe iinzululwazi zokufunda nokufundisa kumaziko emfundo enomsila. |
| **ICT** | Ubugcisa bale mihla bokunxibelelana ngolwazi. |
| **Iilwimi zeMveli** | **Iilwimi zeMveli,** nanjengoko zichaziwe *kwisiKhokelo soMgaqonkqubo woLwimi wamaZiko kaWonkewonke eMfundo enoMsila* (2020), zilwimi ezineengcambu zazo zikwizwekazi leAfrika (nezikwaziwa ngokuba ziiLwimi zesiNtu kuncwadi nakumanye amaxwebhu omgaqonkqubo) nezibalelwa kwezo zikwiqela leelwimi zaBantu basemaZantsi eAfrika, apho igama elithi “Bantu” lisetyenziswa njengegama elipheleleyo lolwimi.[1] |

[1] I-SU iyaluxhasa uluvo lokuba isiAfrikansi, isiKhoi, isiNama nolwimi lwamaSan ziilwimi zemveli.

| | |
|---|---|
| **Ukutolika** | **Ukutolika** ngumsebenzi ojolise ekukhupheleni ngokuchanekileyo intsingiselo yoko kuthethwayo okanye kubonakaliswa ngolwimi lweempawu, ukusuka kolunye ulwimi ukuya kolunye kwiimeko ezithile okanye kwimeko yeziko. Ngokuphathelele kwimeko yezemfundo, ukutolikwa kolwimi oluthethwayo okanye olweempawu ezenziwa ngezandla, luvame ukwenziwa ngaxesha linye (kule ndawo kuthethwa kuyo kwangelo xesha ngqo, babeke esweni oko bekutolikwa kube kungekho kubambezela kukhulu phakathi komyalezo otolikiweyo nentetho ebisenziwa), kwaye kusetyenziswe isigama esinxamnye necandelo elo lezifundo. Nanjengoko ukutolika ngaxesha linye kuqhubeka kule ndawo kufundiselwa kuyo, zibe iitoliki nazo zikwalapha eklasini, olu toliko lwaxesha linye lunakho nokwenzeka kwimijelo yobuxhakaxhaka bale mihla (apho abatoliki nabanye abathathinxaxheba abaninzi beso sifundo sitolikwayo, beza kube bengekho kule ndawo siqhubeka kuyo isifundo), konke kube kuqhubeka kwimeko yokufunda nokufundisa kwimijelo yobuxhakaxhaka bale mihla. Iinjongo zotoliko kwezemfundo kukukhuthaza ukufikeleleka kwemfundo kumntu wonke, kuquka nempumelelo kwimeko yemfundo ephuhlileyo nekhuthaza ukufunda ngeelwimi ezahlukeneyo. Kubalulekile ukwazi ukuba umba wotoliko “lwaxesha linye” ubonisa ukuba ukutolika kwenzeka ngexesha elichanekileyo lesifundo okanye ngaxesha linye nesifundo, oku kuthetha ukuba utoliko lwenziwa ngqo ngexesha lesifundo. |
| **IT** | Ubuchwepheshe bolwazi. |
| **Ikomiti yeengcebiso (iLPM)** | IKomiti yeeNgcebiso ngoCwangciso loLwimi noLawulo. |
| **Ukusetyenziswa kweeLwimi ezininzi** | **Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi** yimeko apho kusetyenziswa iilwimi ezimbini nangaphezulu ngeenjongo ezahlukeneyo, kumanqanaba ahlukileyo engqiqo. Ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo ngumntu omnye (nokwaziwa ngokuba sisakhono sokwazi intlaninge yeelwimi) kubhekiselele kubunganga bomntu bokusebenzisa ulwimi, umzekelo, akwazi ukusebenzisa ulwimi lweSesotho ezikhawuntarini, asebenzise isiNgesi kwicandelo lemfundo ephakamileyo, aze asebenzise isiXhosa ekunxibelelaneni nosapho. Kuncwadi olugxile ekusetyenzisweni kweelwimi ezininzi, ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo yintlalo kubhekiselele kuhlengahlengiso olusemthethweni lolwimi (okanye imigaqonkqubo) kwiindawo apho izithethi zeelwimi ezahlukileyo zihlala ndaweni nye. Ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo yintlalo akunantsingiselo inye ncam nokusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo ngumntu ngamnye. Ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo liziko kuyinxalenye yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi yintlalo, nanjengoko oku kuhambelana nemisebenzi nemigaqonkqubo yombutho othile, kwaye oku akubhekiseleli kwisakhono sokusebenzisa iilwimi ezahlukeneyo ngumntu omnye. Ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo kukwabonisa isimo esiquka ukuxabisa ukwahluka kwethu njengabantu. |
| **NQF** | Isikhokelo seSizwe seziQinisekiso zemfundo. |
| **Unxibelelwano oluseMthethweni lwaNgaphakathi kwiziko** | **Unxibelelwano oluseMthethweni lwaNgaphakathi kwiziko** lubhekiselele kulo lonke unxibelelwano olusuka kuTshansila, kwiBhunga, kwiQumrhu labaphathi, kwiNtloko yeyunivesithi neSekela-Tshansila, kwiSekela Sekela Tshansila, iGosa eloNgamele imiSebenzi okanye kuMbhalisi, lusiya kwiYunivesithi ngokubanzi. |
| **Ukudingeka kwenzululwazi yokufunda** | **Ukudingeka kwenzululwazi yokufunda** kubhekiselele kwiimeko namathuba okufunda enza kube lula ukufikeleleka kweengcingane zolwazi (ingqiqo), ukukhuthaza ukuzikhethela iindlela ezahlukileyo zokufunda, ukukhulisa ukuzibandakanya okusebenzayo, ukwabelana ngeendlela zokuzuza ingqiqo nokuqonda, kwanokuqhubela phambili ngokwakheka kobuqu babantu obuluqilima (obaziwayo). |

| | |
|---|---|
| **Ukufikeleleka lula kwenzululwazi yokufunda** | **Ukudingeka kwenzululwazi yokufunda** ukwenza imfundo ifikeleleke ngokulula yimpendulo eluncedo kwizidingo zabafundi malunga nokuzuza imfundo egqwesileyo ngokuthi babe nakho "ukusebenzisa imigaqo eyiyo kwindlela ekufundwa ngayo kumaziko emfundo enomsila". Le migaqo iquka "ulwalamano nelizwe esiphila kulo", "iindlela ezininzi zokubona izinto", "intsebenziswano egxile kulwakhiwo lolwazi", "kwanokuhlola ngokukuko okanye ngokuthembakeleyo". Oku kucatshulwe kulo vimba: (Herrington, A. Herrington, J. (2008). *What is an Authentic Learning Environment*. IGI Global. |
| **Iinkqubo zemfundo yabo sebethweswe izidanga** | **Iinkqubo zemfundo yabo sebethweswe izidanga** ziinkqubo eziqinisekisiweyo, ezibhaliswe kwisiKhokelo seSizwe seziQinisekiso (*iNational Qualifications Framework* ngolwasemzini, okanye iNQF ngamafutshane), apho ubuncinci beemfuno zokwamkeleka njengomfundi zibayidiploma ebalelwa kumgangatho wesi6 wesiQinisekiso iNQF okanye isidanga sebhatshela esikumgangatho wesi7 wesiQinisekiso iNQF, okanye ngaphezu kwezi ziqinisekiso, nanjengoko kucacisiwe lisebe leziKhokelwana zeziQinisekiso zeMfundo enoMsila (iHigher Education Qualifications Sub-Framework ngolwasemzini). Iziqinisekiso zabo sele bethweswe izidanga ziquka: Idiploma ekwinqanaba eliphezulu, isidanga sebhatshela seeonazi, isidanga seemastazi nesidanga sobugqirhalwazi. |
| **PSO** | UMbutho wabuCala waBafundi (abahlala ngaphandle kwikhampasi yeyunivesithi) |
| **Iziko loLawulo (iRC)** | **Iziko loLawulo**, iqumrhu labaphathi, elinikeza iingxelo kwilungu leQumrhu labaPhathi beyunivesithi |
| **Iilwimi ezisemthethweni zoMzantsi Afrika** | Iilwimi ezisemthethweni zoMzantsi Afrika, nanjengoko zichaziwe *KwiSikhokelo soMgaqonkqubo woLwimi lwaMaziko kaWonkewonke eMfundo ePhakamileyo (2020)*, sibhekiselele kwiilwimi ezilishumi elinanye nezidandalaziswe kuMgaqosiseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika, ka1996, nezizezi: isiAfrikansi, isiNgesi, isiNdebele, isiXhosa, isiZulu, iSepedi, iSesotho, iSetswana, isiSwati, iTshivenda neXitsonga. |
| **IMibutho yabafundi** | **IMibutho yabafundi** yimimandla yemfundo ephulaphulayo nephilayo ebandakanya bonke abafundi, ingakumbi abo bakwiindawo ezihlalisa abafundi kumhlaba weyunivesithi, iPSO kunye namaqela emfundo akwezo ndawo bahlala kuzo abafundi (maqela lawo abandakanya bonke abafundi njengamalungu eMibutho yaBafundi). Ubulungu kule mibutho bunika abafundi ithuba lokuthatha inxaxheba kwiikomiti, amaqumrhu entlalo kunye namaqela emidlalo, kwanokubhalisa kwiindibano ezimalunga nemibutho egxile kwiintshukumo ezinxamnye nemfundo. |
| **I SU** | IYunivesithi yaseStellenbosch |

| | |
|---|---|
| **Inguqulo / Inguqulelolwimi** | Inguqulelolwimi ibhekiselele kumsebenzi wokugqithisela intsingiselo yokubhaliweyo ukusuka kolunye ulwimi ukuya kolunye kwimeko ethile okanye kwiziko elithile. Injongo yenguqulolwimi ngokwasemsebenzini kukuqinisekisa ukuba zombini iitekisi ezibandakanyekayo zigqithisela ulwazi olufanayo, kube kuthathelwa ingqalelo umsebenzi waloo tekisi, imigaqo yegrama yezo lwimi zimbini, imithetho yokubhalwa kwazo, izangotshe nesimbo sokusetyenziswa kwazo, kunye nesigama esisetyenziswa kuzo. Ubume bokubhalwa kwenguqulolwimi ekwinqanaba eliphezulu lemisebenzi, idinga ukuba ibe yimisebenzi equkunjelwe ngokugqibeleleyo. Ukho umahluko oqatshelwayo phakathi kwenguqulolwimi ebandakanya ukugqithiselwa kwezimvo ezivakaliswe ngokubhala ukusuka kolunye ulwimi ukuya kolunye, nokutolika, kona kuquka ukugqithiselwa kwezimvo ezivakaliswe ngokomlomo okanye ezigqithiselwa ngokusetyenziswa kolwimi lweempawu (ukutsho oku, ezo zigqithiselwa ngoLwimi Lweempawu ezenziwa ngezandla). |
| **Ukunxibelelana ngeelwimi ezahlukileyo ngaxesha linye** | Esi sisigama esiqukayo ngokuphathelele kwimeko apho abantu abasebenzisa iilwimi ezininzi besebenzisa oovimba bolwimi abanabo ukuze bakwazi ukunxibelelana nabanye nangeetekisi ukuze kuyileke intsingiselo. Kwimeko yegumbi lokufundela, injongo yoku kukuzinzisa okanye ukumilisela ukufunda kusetyenziswa iindlela zobuchule ezahlukileyo, neziquka okanye ezizezinye ukongeza ekukhowudiswitsheni (ekusebenziseni isigama seelwimi ezahlukileyo kwintetho enye), ukwenziwa kwenguqulolwimi, ukuthetha iilwimi ezahlukileyo kwiindiwo ezahlukileyo, kwanokutolika, kube kungekho zinzame okanye njongo zakuqhana unxibelelwano okanye ukuzibandakanya netekisi kulwimi olunye okanye ngeelwimi ezahlukeneyo. |